



D - ISikhokelo sokuHlolwa kwaBasebenzi naBafundi

Icandelo eLikhulu loPhuhliso noQuquzelelo lwamaZiko	D - ISikhokelo seSebe iWCED: ISikhokelo sokuHlolwa kwaBasebenzi naBafundi	
D - ISikhokelo seSebe iWCED	Sikhutshwe: 15 Meyi 2020	Masijongisiswe njnegeziyimfuneko naxa kuyimfuneko

Sivunywe yiNtloko yeSebe:



BK Schreuder
Umhla: 2020-05-15

D - ISIKHOKELO SESEBE IWCED: ISIKHOKELO SOKUHLOLWA KWABASEBENZI NABAFUNDI

1. Injongo

- 1.1. Ukubonelela iinqununu kunye ne-SMT ngezikhokelo ezibonisa ukuba ingalawulwa njani inkqubo yokuhlolwa xa abasebenzi, abafundi kunye/okanye nawuphi na umntu engena kumasango esikolo. Imigaqo yokuhlolwa iyimfuneko yokukhusela ootitshala kunye nabafundi kunye nokuthintela ukunwenwa kosuleleko okanye kwentsholongwane i-COVID 19.
- 1.2. ISebe leMpilo kwiPhondo libonise ukuba ukuhlolwa yinqubo elula engadingi magosa ezempilo okanye uqeqesho lweengcali. Iqulathe ukubuza imibuzo emininzi nokuhlolwa kobushushu bomzimba (ukuba iithemometha zikhona). I-DoH iqhuba icacise nokuba alinabo abasebenzi bokwenza uhlolo ezikolweni. Ngoko ke kufuneka izikolo zenze isicwangciso okanye zenze isigqibo ngerosta yabasebenzi abaza kwenza uhlolo.

2. Ukulawulwa kwamasango okungena

- 2.1. Inani lamasango okungena asetyenziswayo kufuneka lithotywe ngokuxhomekeka kwinani labasebenzi abahlolayo.
- 2.2. Makuxelwe iindawo ezonyulelwe ukwenza uhlolo. Ootitshala kufuneka bancedise ukuze kubekho ulawulo olufanelekileyo.
- 2.3. Iinqununu kufuneka ziqinisekise ukuba abasebenzi abahlolayo bafumana uqeqesho lolwazi oluyimfuneko.
- 2.4. Abasebenzi abahlolayo kufuneka banxibe imaski kwaye bahlanzise izandla zabo kaninzi.
- 2.5. Akukho mntu ufanelwe kukuvunyelwa ukuba kumasango esikolo ngaphandle kwemaski. Imaski ziya kubonelelwa yi-WCED –zibe mbini kutitshala nakumfundi ngamnye.
- 2.6. Izikolo zingathathela ingqalelo ukuwohlula amaxesha okuqala khona ukuze zinciphise ukuxinana kusasa.
- 2.7. Ukuba abafundi bafotelele ukuhlololwa ukwamkelwa esikolweni – umqathango wokuqelelana kufuneka ulandelwe.
- 2.8. I-WCED iya kubonelela nge-digital thermometer scanners, ekufuneka zisetyenziswe ukuthatha umlinganiselo wobushushu emzimbeni wabangenayo.
- 2.9. Kwenziwe i-aplikheyishini (application) enako ukuncedisana nale nkqubo.
- 2.10. Nawuphi na umntu ongafuniyo ukuhlolwa, akanakuvunyelwa angene kumasango esikolo.

3. Imiba yeenkqubo emazeniwe

- 3.1. Oku kulandelayo kufanele kwenzekwe kumasango okungena achongiweyo esikolweni:
 - 3.1.1. Abasebenzi abahlolayo kufuneka bafike kwangexesha ukulungiselela inkqubo yokuhlola.
 - 3.1.2. Makuqinisekiswa ukuba zonke izixhobo zokuhlola zilungile kwaye zikumgangatho wokusebenza.
 - 3.1.3. Abafundi/ootitshala kufuneka bacelwe bafolele ukuhlolwa, begcine umqathango wokuqelelana oyi-1,5m.
 - 3.1.4. Imigca ebhalwe/eboniswe phantsi emgangathweni/umgangatho unako ukusetyenziswa ukuncedisa umqathango wokuqelelana.
 - 3.1.5. Makuqinisekiswa ukuba umntu ngamnye unxibe imaski. Makungabikho namnye ekufuneka avunyelwe kumasango engenayo imaski.
 - 3.1.6. Iqondo lobushushu bomzimba womfundi ngamnye kufuneka lithathiwe kwaye lirekhodwe.
 - 3.1.7. Umntu kufuneka ngelo xesha aphenyule imibuzo emihlanu. (Isikolo siya kubonelelwa ngethemplethi enemibuzo ukuze kwenziwe iikopi). Ithemplethi iyakuba nale mibuzo ilandelayo:

INani	UMbuzo	Ewe	Hayi
1	Unalo ukhohlokhohlo?		
2	Unayo ifiva?		
3	Ingaba uphelelwa ngumoya xa uphefumla?		
4	Unomqala obuhlungu?		
5	Kwintsuku eziyi-14 ezidlulileyo, ubukhe wadibana ngqo nomntu obefunyaniswe ukuba unentsholongwane ye-Corona (COVID-19)?		

- 3.1.8. Ukuba le mibuzo ibonisa ukuba umntu usemngciphekweni okanye iqondo eliboniswa siskena lingaphezulu ko-38°C, ngoko ke loo mntu kufuneka acelwe aqhagamshelane ngenombolo yefoni eyi-COVID-19 hotline (uRhulumente weNtshona Koloni 021 928 4102 okanye iZiko likaZwelonke loNxibelelwano ngeZifo 0800 029 999 (National Institute for Communicable Diseases).
- 3.1.9. Emva kwale nkqubo, umntu kufuneka adlulele kwindawo elandelayo apho kufuneka ahlambe okanye asebenzise isicoci zandla esibulala iintsholongwane ezandleni phambi kokuba adlulele kwisakhiwo sokwamkelwa kwabafundi okanye kumagumbi okufundela.
- 3.1.10. Ingcaciso ngabo bonke ootitshala kunye nabafundi abahloliweyo kufuneka irekhodwe. Ingcaciso ngohlolo erekhodiweyo ngosuku yimfuno emiselweyo kwaye kufuneka ithotyelwe.

- 3.1.11. Isikolo kufuneka silungise igumbi lomguli okanye naliphi na elinye igumbi ukuze sigcine okwexeshana ootitshala/abafundi abangaluphumelelanga uhlolo. Ootitshala kufuneka bacelwe ukuba bahlale bodwa iintsuku eziyi-14 kwaye bathathe amanyathelo okuthobela imiqathango ayimfuneko ukuthintela ukunwenwa ngakumbi kwentsholongwane. Abazali bomfundi kufuneka kuqhagamshelwane nabo ukuze babenako ukumlanda yaye bamkhathalele umfundi. Abafundi abanjalo kufuneka bahlale bodwa iintsuku eziyi-14 kwaye ukuba kukho imfuneko, badibane nengcali yezempilo okanye bafowunele inombolo ye-hotline.
- 3.1.12. Ukuba i-WCED app iyafumaneka esikolweni sakho, idatha iya kufakwa ngqo kwi-app.
- 3.1.13. Ukuba i-app ayifumaneki, ithemplethi ye-WCED (kuxwebhu D1) ebonelelwe ngezantsi inemibuzo yokuhlolwa emayizaliswe ngumsebenzi ohlodayo ngexesha lokuhlola. Le inokulungelelaniswa nelisti yeklasi kusetyenziswe kwale mibuzo minye.



D1 - IThemplethi yokuHlolwa

IGama lomfundi/likatitshala/ lomnye umntu	IBakala/IKlasi	Umhla

Iqondo lobushushu bomzimba:

INani	Umbuzo	Ewe	Hayi
1	Unalo ukhohlokhohlo?		
2	Unayo ifiva?		
3	Ingaba uphelelwa ngumoya xa uphefumla?		
4	Unomqala obuhlungu?		
5	Kwintsuku eziyi-14 ezidlulileyo, ubukhe wadibana ngqo nomntu ofunyaniswe osuleleke sisifo sentsholongwane ye-Corona (Covid-19)?		

ISayinwe nguMsebenzi oHlodayo: